

# IMVO ZABANTSUNDU.

PEPA LAMAXOSA LEVEKI  
ZONKE.

(NATIVE OPINION).

LIHLAULELWA  
3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, SEPTEMBER 2, 1885.

[No. 44.

W. O. CARTER & CO,

Ncedani ngokupaula kaku-  
hle ukuba uhlobo olutsha

OLULUNCILEYO APA

LWE SEPA.

lubuye Iwafika

Isitena yi 6d.

Yeyona Sepa intle kulomzi.

Itshipu, isitena Esikulu  
sidla 6d. kupela.

Inokufunyanwa kwa  
"KARTAR" apa.

W. O. CARTER & CO.

Maclean Square,  
E-QONCE

R. W. ROSE-INNES,

Umanani Weziqinisele

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekute-  
teni amatyala abamnyama nakweminye,  
imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno-  
kufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqini-  
selo somhlaba unokwenzelwa. Lemise-  
benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene  
naso.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange-  
lise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokusaxazo.  
1/6 ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lokukohlala  
(Lingamafuta).

1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe,  
9d. ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lepalo.  
1/6 ibotile.

Ipils.

1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo.  
6d. ngebotile.

Eka

COOK Umciza Westepu Sabant-  
wana.

6d ngebotile.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo.  
6d ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,  
E QONCE

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

J. HILNER,

Umenzi wentsimbi zamaxesha,  
E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane  
njalo njalo.

Unentlobo ntlobo zemisesane, iwotshi,  
Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane  
ezintle Zokinika amabaso ngamaxesha ae.

## Amaqanda Esikwenene!

### Impahla Yamadoda Namakwenkwana Emaxa- biso Ahlisiweyo Kanye!

## C. FENNEL & CO.

Base nazo ingubo Zamadoda abanga zingatengwa zikwelele kupele. Ukuze oku kufezeke batengisa

Into eninzi yebatyi zekodi ezilingana amadoda, amadodana  
namakwenkwe.

Zihleli zodwa ngobutshipu.

Kukwako Nezezitofu, Nempahla Yamadoda enjenge Hempe  
njalo, njalo.

*Ofuna ingubo ezisisulu makangaqale atenge napina engayanga kubona o*

C. FENNEL & CO., e Maclean Street, e Qonce.

AKUTENGISWA NGASIKWELITI

### Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

IBOURKE NO MARSH,  
e Nyutawuni nakwisitalato esipambi  
kwe ofisi ngase mcancatweni.

Kufunwa into eninzi ye

Botile kwa W. BEHR & CO.

kwisitrate se Cambridge Road  
e Nyutawuni.

## AMALAHLE ASE NDWE

A BANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela  
kwa Komani (Queenstown),

## 300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown.

Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahle nasekuwatuleni e Komani.

Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.

Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

Iveki.

INTOMBI ka Rili ezekwe yi Nkosi ya Mampondo Umqikela, inyulwe ukuba ibe yi yi Nkosikazi kwintlanganiso ebikolo oko kanye ukupeleni kwenyanga efileyo. Ama- mpondo abeko abeku 2,000.

NGO-MGQIBELO ongapaya kudutyulwe umfo onteundu ngakwa Daliwe ekutiwa ubesiba igusba ngu William Hart omnoi. Akenza- kalanga kakulu noko Umxosa lowo.

U Mr. W. B. CHALMERS, Umantyi omkulu walapa uwuqale umsebenzi ngo 1 September.

SIVA ukuba Unkosikazi Ayliff uyafa ngo- "kungatembisiyo. U Mrs. Ayliff yintokazi enexeha iko, yinkosikazi yomfundisi apa odumileyo u Rev. John Ayliff owabuba ago 1864 engumfundisi wase Nxukwebe.

IBANDLA ebelipetwe ngu Dean Williams licele wavutina u Rev. C. F. Overton (ongcwabe u Dean kuba u Bishop engavume- langa mfundisi ukuba amngcwabe) ukuba ngumfundisi walo.

IJAJI iyakuqula ukudeta amatyala ngesisinqingata sonyaka e Cradock ngomso, 3 September. Kuyakuteta u Sir Jacob Barry kuba u Judge Shippard amnkele ubu Ruin- neli bela Bahlambeli.

ABAFUNDISI abapinda inguqulo yezibhalo bahlangene ngo 28 kulenyanga bayakuti-ga ngo Ester e emsebenzini wab. Abebeko ngo Rev. A. Kropf, Rev. Bryce Ross, Rev. Canon Woodrooffe, M.A., no Rev. E. J. Barrett.

INKOSAZANA igqibe kwelokuba ela Bahlambeli ilitabetele kuyo; imise i Ruluneli yalo lodwa ilipate njeugelase Natal. I Ruluneli yokuqala yalo ngu Hon. Mr. Justice Shippard, D.C.L.

U GENERAL WARREN undulake ngolwesi-Bini Iwaleveki igqitileyo ukusinga e Free State apo abahlebe ukubona umongameli welo u President Brand.

KUFUNYENWE igwangqa abati ngu Dimond, "ebeke iyintloko yamadindala e Alvani li- fele e Qonce ngaleveki igqitileyo. Umnqwazi nebatyi zipangwiye.

INDLALA seyipume nomkutuka. Intokazi entsundu ifele ngapandle komzi. Ikangelwe kufunyenwe ukuba ibulewe lipango.

U Mr. SCHERBRUCKER ukangelwele ukuba afike apa e Qonce ngo Mgqibelo lo uzayo.

SIQONDA ukuba u Mr. De Wet uzakubehle -eze kweli lase Maxosem ukuzakuxoxa ngo- mcimbi wokufuduswa kwa Batembu e Xonxa.

ELI lingezantsi ko Mikangiso kuvakala ukuba like lafumana invala ngo Mvulo ogqitileyo.

INGESIKAZI elitele hndiswese selizubala ngetyefu ngolwesi-Ne olungapaya e Adington, kufnpi nase Tekwini. Libehle labia- nziiswa lapila.

AMANGESI akwa Adam Kok arora ngokunamandla ngento yokuba u Ruluneni wase Kapa ayekumisa indlu yokwamnkela imali ngempahla ewela Umzimkulu evela e Natal.

ELASR Natal lincoma ukwanda kwa Mabu kwelise mantla elakwa Zulu, Emdeni wa Mazulu na Matonga alungiselela ukwaka iaixeko esinjengeso sesakiwe ngase Hlobane abati yi Vreyheyidi.

U MAJOR EDWARDS womkosi ka General "Warren obeke wahambela kwinkosi ezingapaya kwela Bahlambeli udawaya kuti-ga ngo Lobengule, kwa Mzikilazi " ka Matshoba no Sobuza ka Ndungunya " Wamkelwe kakuhle lelo tshawe, nakubeni lite u Kbama, inkosi ya Bakwena ubengena mfanelo yoku- mica umda pakati komhlaba wake.

U GENERAL WARREN ubiziwe kowabo ukuba agoduke. Ulaulo lolwa Bahlambeli lusezandleni zika Judge Shippard ngoku.

Abanezikweliti kwi "Mvo" mabazihlaule kwangoku ukhale kupele inkatazo nama- xhala. Abonganyelwe nga Magosa kuvulelekile ukuba bahlaule kuwo,xa batandayo bayitumele ngokwabo apa e Qonce. Imali itunyelwa ngamapaya ase Post Ofisi.

AMALAHLE kutiwa afunyenwe kwifam ka Kotzee kufnpi ne Colesberg. U-Mr. Kotzee ubehamba efuna amanzi.

AMA RUSSIA ayiyekелеle inteto yawo engokuba ibe yeyawo i Zulufkar, umzi wama Afghan kwelase Asiya. Kambe ibango lipa- kati kwawo na-Mangesi.

BEKEKWATIWA ulaulo Iwase England lubu- ye Iwayiququla iuteto yokuba amajoni spume e-Jeputa, imbangi kuknba kubonakala ukuba A ma-Arab asanxunee ukulwa. Uoingoo olufike ngo Mvulo luyiguqule lonteto kwakona.

Amagosa e " Mvo " mawazitumele inkozwana aselezibutuli, azikauzelele angekazituli kwangoku.

U-MR THOMAS ADAMS, umlungu weve-nkile e-Palmietfontein e-Herschel ulindise- Iwe ijaji ngokutengisa imipu ngapandle kwemfanekiso.

UVULWA namhla uloliwe e Alvani. Yi. nknggu nelanga amagwangqa aye ekuvu-Iweni.

U JUDGE BUCHANAN wase Dayiman umi. selwe ukuba abe yijaji endaweni ka Judge Shippard e Rini.

U RULUMENI wazise kwipepa lakomkulu ukuba ela Batembu, nela Mabomvana liba-ndakanyeni neli; ngoko nalo liyi Koloni.

IMINENGA ike yabonwa e Bayi izolo, omnye uhlatyiwe wemnka nomkonto. laazi- ngelwa.

IMVULA ezintle zimile e Free State.

U Mr. UPINGTON no Mr. Rhodes baingca e England ngayo leveki.

IMVO ZABANTSUNDU.

NGOLWESI-TATU, SEPT. 2, 1885.

ISIBULU KWI MVIWO.

ABACINGA ngokungena Uviwo lo Titshala mababulele Umpatiswa Micimbi yemfundo nga- kwenzileyo mayelana nokukwelelisa indawo ebezngacacileyo ngoloviwo — ezinjengokuba wonke ongenayo alindelwe ukuba apumelele nase Sibulwini. Lencwadi ka Dr. DALE mayizitetele :—

Kwibotwe le Mfundo, Ekapa, 24th August, 1885.

Ku Mhleli we Mvo Zabantsundu.

MNUMZETU,—Inteto yako kwelomhla we 19 wenyanga esiyipeteyo, ngokupate- lele ku Viwo lo Titshala ngati ibalwe eku- ngaqondini. Akuko nguqulo zinjengezo uteta ngazo zenziweyo ndim; abaviwa abantsundu ke bangalahlala imizimba ngeudawo yokuba into abayakuyiwa kuzo zisemi njengoko zazimi ngenx'enga- pambili. Into yona efunekayo kukuba ikaba elintsundu elingena eluviweni ligine kanye kwinteto yakowalo, ne Singesi lisazi kanobonyana.

Owako okolekileyo, LANGHAM DALE.

Kakade lencazo ka Gqira siyamnkela ngovuyo siyamnkela pezulu kanjako. Ukuze kodwa singabonakali njengamaxoki naba- jiki benyaniso, soka sidwelise pambi kwaba fundi belipepa inteto cyabako e-Palamente nesawaseka pezu kwayo amabal' engwe esawenzayo. Kwi- ngxelo yehambiso e-Palamente ngo- mhla we 3 August, liti ipepa lase Kapa i Cape Times :—

Ependula u Mr. THERON, ute u Mr. TUDHOPE, kuyaqala nonyaka ukuba Isir bulu siqiniselwe ukuba ati ofuna isiqini- selo so Titshala amelwe kukuba apumelele nakiso, kute kodwa ngokwalata kwa- bapati bezikolo notitshala abate intsapo efunde Isingesi sodwa ayisokuba nako ukusilungiselela ngalonyaka kwasekumi- selwa ukuba sesingxululelwa kunyaka ozayo.

Kekaloku u Mr. TUDHOPE, njengo mpatiswa micimbi yekoloni, wongamele nebotwe lemicimbi yemfundo. Ngoko ke inteto yetu inendawo eziyibangeleyo. Siya- mbulela u Dr. DALE ngakwenzayo mayelana nokukanyisa indawo ezingacacileyo zalomvaba ayipeteyo ngesidima. Akwaba bonke abapa- tiswa bakwa Ruluneni bebenjengo Dr. DALE !

AMAMPONDO.

SIHLOMELA kulenteto incwadi ebaluleke kunene ye Pakati elikulu lika MQIKELA, Inkosi UMHLANGASO J. S. FAKU. Yi- mpendulo kwinteto ezenziwayo ngamadoda ase Palamente ngomhla wengxoxo engemali yase Cumgece. Ezonteto zabanakala kwelipepa ngenteto yakowetu zaleswa ke nase Mampondweni. Siyihicilela ngo- vuyoke incwadi yo Mnumzetu UMHLANGASO kuba sikolwa ukuba okona ukumelani kweli lizwe na- Mampondo kuxoxwayo kokona kuko itemba lokuba kobako isipelo esifanelekileyo nesiyakuba nemvisiswano. Izipakati zase Mampondweni ke ziyakolisa ukuba inqubo yazo ziyibengeze iviwe ngabonke. 0 kwangoku yonke into abayenzayo ayivisiswa nga-Mangesi, ayitenjwa, maxawambi iyajikwa ngabom. Oku kukanyake namhla sikwamnkela ngeimihlali. Iti ke incwadi:—

Esihlonyaneni, Pondoland, 3rd August, 1885.

NKOSI,—Ndiyaela kuwe indawo mhle- Wemvo Zabantsundu epepeni lako ukuba undifakele lamazwi ambalwa.

Into yokuqala yile; umbulelo lo wenziwa kumhlezi Urolomente, ngokutabata imali endaweni engasiyoyake. Ngokuyi tabata kwezinye izizwe angenanto nazo. Nditeta ngemali enjengendawo yase Mfundisweni neyase Rode neyase Cumgece. Besikohliwe ukuba yayimali yantonina le abefana eyila- hla. Asitini ngabafundisi kuba bona bazele imipefumlo yobotni babantu. Ubeqala Urolomente ukukupala imali yokufundisa, kuba engazanga ayenze leyonto ngapambile, asitini kanjako ngezizwe ezingapantsi kwake, kuba ebebanele ukugcina inkedama ezifelwe ngoyise umhlawumbi ngonina, akupe okunene imali yokuzifundisa. Asitsho nokuti ukufunda ku bi, no wase Mampondweni aingati nxa aukuba sitanda ukuba ei- fundise abantwana betu sirole imali; singati kunxa umhlekar Urolomente abonayo nxa Btikuba into engasiyoyake ayiyeko. Nxanga uyabona ukuba uyalungisa nge ebona okokuba nomh' laba wa-Maxesibe asingawo wake ebengenamsebenzi nawo. Sigqibele esiti Urolomente into yomny'umtu mayinga- tatyatwa ngomye, kodwa sibona ngaye etabata into engasiyo yake ayenze eyake, abuye akupe imiyalelo. Nguye owakayo intolongo afake umtu otate into yomnye, kanti kukwaaguye otabata into yomtu ngamandla.

Sasiba yincuka yodwa etata ngamandla kuba iyinto yasendle, kodwa siyabona koku- ba Urolomente naye unjalo. Ngemyinyaka eduleyo impahla yetu emfuthane nenkulu ibilala pandle, kungonakalinto kungeko sela. Ngoku

impahla yetu iyapela. Ngenxaka Ro- lomente kuba abantu besiti umteto ujuliwe nguye kuba nanku kuqale yena. Siyayi- pika indawo esayi bonacepeni leMvo yokuba inkosi Yemampondweni icasene no Rolo- mente, akangebonisi nganto icase ngayo. Ngurolomente yedwa oyicasileyo inkosi Yemampotfeiwdfii kuba nanku eyipanga imihlaba yayo Ipage ntoni inkosi Yema- mpondweni ku Rolomente ? Nokuti zininzi inkosi emideni ezingazingangena Kurolo- mente. Ilulwimi eyonto, mina ndisemdeni. Umtola usemdeni. Umaqu tu usemdeni. Nditsho tina ke simelene na-Maxesibe. U- mhlawumbi angayi ngokukohliswa ngu Qipu. Akasokuzi ye Kurolomente. Enye into engasiyonyazo yilento yokuti Amaxesibe akasoze acukunyiswe. Ayakucukunyiswa. Maninzi asele afayo pantsi kwolu lukuselo nasazakula nangoku. Kuba akukonto iyi- nisisayo yakona, akubonakali ke isizatu sokokuba mabangafi. Indawo esinentloni ngazo zintatu tga Magrikwa, na-Mabaca, ne Alfred County abanemida yenyaniso.

Undinyamezeia mhleli Wemvo ngala- mazwi amaninzi ami.

Ndim Umpondo, UMHLANGASO J. S. FAKU.

Amanqaku.

KWIPEPA lase Kapa eliyi Cape Times lo Mgqibelo ongapaya kubonakele incwadi erara kunene esingiswa ku Mr. R. J. Dick, umantyi wabantsundu wase kaya- pa. Isizekabanisi sayo sisiroro sombali lowo oti "Ungomnye woluntu " ngohlobo awawupulapula ngalo u Mr. Dick umci- mbi womnumzetu u Mbovane. Lomhlabi uti imfanelo ayenziwanga; u Mr. Dick wasuka wahambisa njengoku ngati uligqweta Ijka Mabanda. Kumhlope ukuba lencwadi ibalwe ngumntu obenga u Kuboni lowo angangena ngentloko elu- dakeni; oku kubonakala kulento yokuba ati umcimbi ongeni afike yena awenze intaba ipepa. Konke akutetya ke unga- fika kutsho ngapaya kweyonto iyiyi. Ndawo ibange ukuba sikwanqe ku- kuya i Cape Times iyaelza ukuba lomci- mbi maubuye upulapule ngenxa yento yomntu ekubonakalayo ukuba use- benza elakumungelo. Lamnkewice elice- bo lelipepa, ingaba kohlawaya u Mr. Dick ogazanga waranelwa, ebingaba yinto engumngangaliso ukuba igama lake aze kulingcolisa ngomcinjana omncinane njengalo. U Mr. De Wet aka- nguye owoku xengaxengiswa zinteto eziyangale, ngati kusalungile ukuba asebenzise ingxelo ka Mr. Dick otenji- weyo ngabo bonke abete naye ngoku- mtimba oko wada wamisela ukuba aye- kuyipulapula lenteto.

OBALELA kwipepa lase Bayi i Telegraph uvakalisa ezokubekwa izandla komfu- ndisi u Kev. Dr. Soga. M.B., oza kweli lase Maxoseni. Liti u Dr. Soga ngu- nyana womfi u Rev. Tiyo Soga, uinfu- ndisi ontsundu, ongalityawo ngenxa yomsebenzi wake nobom bake obuqaqa- inbileyo. U Dr. Soga ungeniswe ebu fudisini obuzelayo ngo July 10, kwitya- like yase St. Niuiap, Stirling, kwela Ma- skotshi. Kubeko nesidlo emva kwo- msebenzi lowo esite songanyelwa ngu Rev. Dr. Frew oxaswe ngu Rev. Dr. Blair. Ngazo eziinyanga zigqitileyo sa- bika ukuba u Rev. Dr. Soga uyayiki ndu- luka kwela Maskotshi ukuzakweli ngayo lenyanga siyipeteyo.

LUPAWU olutembisayo notulbe olu silubonayo kumzi omhlope wase Natal— lokuba uqala uku lungiselela imfundo yabantsundu. Ixesha eli lonke imfundo yabantsundu ibipumlekumagxalaba abafundisi —ingumtalo onzina kunene kuba u- Ruluneni ubengancedi ngaluto. Uyaqala ngoku ukushukuma u-Rulu- meni. Isiko lika Ruluneni wase Natal ibikukuba ancede ngalomalana abanceda ngayo izikolo ezifundisa imisebenzi. Nje- ngokuba noloncedo luluncinane abafundisi obanako ukumisa amashishini. Ngako ke kubonakele ukuba imfundo iqandwe ngabom. Kuko ngoku umteto osingetweyo yi Palamente yase Natal ukuba uncedo lurolwe nakwisikolo esi- ngafundisi misebenzi. Ngati lomtelo uyakuma. Liblazo kubelungu bese Natal ukuba ibe bebengekayi lungiseleli imfundo yabantsundu ixesha eli lonke, sino- ma abapati bemfundo bakona kuba bezama ukulifihla elihlazo ngoku. Akuko bunyaniso kwinto yokuba kulula ukulaula abantu abazidenge belaulwa ngabapati ubakanyiselweyo.

U-SOLOMON C. DUNGA uvunyelwe li- bunga lamagqira lase Kapa ukuba aqe- geshelwe ukupitikeza amayeza ligqira lakwa Ruluneni laseNgebo. Umiselwe iminyaka emitatu ukuba akufunde oko. U-Mr. Dunga yindodana engu M'bo ngu- kuzalwa, eyavike yaya kwisikolo sase Lovedale. Eli bakala liyabuleleka, singa anganela amadodana antsendu angena kwelituba. Zininzi indawo ezingena magqira afundisiweyo angati amadodana oluhlobo apitikeze kuzo amayeza. Oku kuyiyona nto ingapalisa o-Siyavuma mhloko kwimipi entsundu—into ezigqiba abantu ngamaqinga.

U-HON. JOHN LAING, obemele i Bofolo e- Palamente, wazisile ukuba uyapuma kwelo Bantla. Imbangi akakayixeli. Umhlambi omintshi wabayuli base Bofolo uyakuba lusizi ngenxa yilibalaka; ngati uluhtu alusaku lahlekwa nto ngenxa yokupuma kwake. Maninzi amatuba awayengati u-Mr. Laing abelu- ncedo kumzi wonke kwimicimbi yolaulo abeyipete, kodwa lamatuba akawasebenzi- sanga. Ngexesha apa lokuhlutwa kwemi- pu, kuvakala ukuba wayengavumelani namadoda awayelibhanga kunye naye awayengati ale kwapela oyise, kodwa wa- ziyekelala ukuba apenulwe ngu Sir Bartie Frere ukuze ayekwenzwa inteto yokugu- guka kwake e-Bayi. Ngokuma kwake njengendoda nge kungabangako mfazo ingenamsebenzi eyalahlala into eninzi ye mali eku £4,000,000, nge bengahlaziswa- nga abantu bell lizwe, nge- engonakalanga amagama ezikulu eziliqela zeli lizwe, Nase Palamente ngayo leminyaka kuba ubeyindoda enobuciko obutile enikelwa indebe ubenge-adibanayo neqela lika Sir T. Scanlen, yena no-Mr. Pearson no-Mr. Tudhope, no-Mr. W. Ayliff ukucasa ama- ndla Amabulu, kodwa ngokusuka baye- kuwaxasa ngabo ababange lengxovu- ngxovu apo e-Palamente. Ngumfo kodwa obeyipata ngengqondo imicimbi yabantsundu. I-TransKei noko lilahle- kwe ngumfo. Besingati ngoku i-Bofolo malilinge u-Mr. Saul Solomon obuyileyo. Nalo icebo mhlambindini wase Bofolo msan'ukulala.

KUYASIVUYISA ukuqonda ukuba incwadi ye nkosi Umhlangaso esiyenge- nise nge Singesi kwele veki egqitileyo, esiyi ngenisa nge Sixosa namhla ifumana ingxoxo kumhlambi omhlope. Niengo- kuba sisazi ukuba uyakuvuyiswa kuku- va imvo zabamhlope sikupa lenteto kwelase Rini i Journal:— Umhlangaso,

Ipakati elikulu lase Mampondweni, uba- lele kwipepa labantsundu Imvo Zabantsundu, uvakalisa izinto azikalazelayo Amampondo kulaulo Iwase Kapa. Une- siroro ngendawo yokuba ulaulo I wse Kapa lupange Amampondo umhlaba wa Maxe- sibe; uti Amampondo awasoze ayivumele lonto, ayakuti- go awapitizelise awabulale Amaxesibe nakubeni kutiwa apantsi kwepiko lika Ruluneni. Okukucacile, njengokuba kutetwa ngu Mhlangaso n.ie kubalulekile. Ukuba besinako ukuba- ngela ukuba Umhlangaso na Mampondo beve, besingati ukubapendula ngokuba- tyela ukuba bonke abamhlope abanga Amampondo angasikeleleka. Lidlule ixesha lokupikisana ngomhlaba wa Ma- xesibe. Umhlangaso lo kutiwa yindoda engqondoo, ufanele ukwazi ukuba umti ongena kugoba pambi komoya uyawa. Elonacebo elinganikwa Amampondo leli (1) mabangacupiksi u- Ruluneni, maba- ngamniki isizatu sokulwa ngokumkataka ngomhlaba wa-Maxesibe nezibuko lo Mzimvubu. Amampondo akasokubuya azifumane ezondawo; anokuti mhlambi alahlekwe zezinye xa azama ukuzifu- mana. (2) Ukiiba Amampondo alu- mnkile mawacele ulaulo Iwe Nkosazana olupesheya kolwandle ukuba luwatabate kwangoku luwalaule odwa. Mawakange- le kakuhle okuhlele elakwa Zulu, ela Bahlambeli, elase Xalanga nokuhlele ezinye indawo, aqoshelise impahla yayo nga- pambi kokuba esimatontsi abanzi sifike. Lilo elo icebo ebezifanele Imvo ukulini- kela ku-Mampondo, esingavuyayo ete alammkela ukuze alungelwe."

AMAWETU ayakutonyalaliswa kunene yinteto ebonakala kwakwelanamhla ngo Mboniso Omkulu oyakuba se-Bayi eku- peleni konyaka. Singa abantu bakowetu bangayicikida inteto eyenziwe ngu Mr. Brister, engati kuti izele lilungelo labo. Bekuyakufaneleka kunene kute kumizi yonke yabantsundu kwako intlanganiso ayakutisa lenteto u-Mr. Brister ayibe- kise kwintlanganiso yabantsundu base Bayi. Siyakuvuyisa kunene ukuba sica- zele wome oyakufuna incenzo. Akuko xesha lokumoshwa kuba umboniso ungo December, abafuna ukuba nento abaze- nzayo abayakuzibonisa mabazi lungi- selele kwangoku.

SIYAQONDA ukuba asisedwa ngendawo yokuba sisiti amapolisa antsundu alungile kwinto ezinjengoko bamba amasela. Lenteto ebeko kwingxoxo ebeko entlanga- nisweni yamafama ase Komani yoku- bonisa esikutetayo:

U-Mr. Webb - Kwala ntonina ukuba kungafakwa namapolisa antsundu ?

U-Mr. McDonald ute lento yena iyamkela kuba usati yena antsundu amapolisa asibenza ngapezu kwanihlo.

U-Dr. Berry: Ndi ke Mdawacinga amapolisa amnyama ukuyisusa kwam lenteto kodwa ndiba amafama awawafuni amapolisa antsundu (Idume nko Hla hai intlanganiso).

Ixabiso lamapolisa antsundu belinga- bonwa enziwe iqela lawo odwa onganyelwe ngumntu omhlope. Siya vumelelana tina no-Mr. McDonald.

Ezababaleli.

UMBULISO WAB AFUNDISIKAZI EMGWALI.

Ndikolisa ukuba amacaluzza eti " Imihla ayifani, ifana ngama langa." Ngamhlazana apa kwinyanga ezagqi- tayo, senyukela esikolweni sentombi, apo sasimyenwe ukuya kubona intlanganiso eyayi konyaka. Sigalelekile apo siposwe kwi gmbikazela libazali aba- tile ababe kwamenywe. Eligumbi lite lafaneleka kanye no'uhonjiswa fcalwo- ngamagqabi emit. Site sisabambe imi- lomo sacelwa akake sizinceda nge tswela. Site sigqiba kwabe sefcuti wayi wayi, fweyi gumbikazi, intombi; sati sisawexomile amehlo kwangena amakosazana, angabafundisi kulomzi wentombi o Misses Birkenhead no Davidson, eno Mrs. no Rev. J. W. Stirling, Sawaxoma ngakumbi amehlo. Wati umfundisi lo watata isihlalo.

Emveni kokuvula intlanganiso nge culo ne ntandazo wenze amavukela ntloko ngamazwi amafupi. Uxele ukuba ngenxa yendawo ezitile inkosazana ebi wupete lomzi iyasishiya, ati nompcedisi wayo emke kwanye. Umfundisikazi ebeko ngapambili ulindelwe pakati kwetu ngexa elikufupi. Ukwahlukana kwezihlobo kufaua nokuxwita kwexalenye yentli- zyo zetu. Asinakunceda kuba o-Pezu- konke uyazi. Lamakosazana, ewandulu- la namhla pakati kwetu uwasa apo kufa- neleke ngepezu.

Ngemva kwalenteto u Miss Njikelana ufunde inteto ebalwe zintombi. Etyila imvo ne mbulelo yazo kulama kosazana, namhla azakuzishiya ebubini. Zaza zanika nebaso lencwadi ye ngoma zeciko lasema ngesini (Tennyson's Poems). Aguqele lama kosazana ngombulelo, ete- telwa ngu Rev. J. W. Stirling. Ebulela kwa nesi pso sotando. Ate ayatamba ukuba intombi azise zide zacononontisela okwe ntliziyo zazo ngesisipo, ze ziti xa zingasababoniyi zibalibale. Okunye angavuyiswa kakulu nokuba ayepina ukuba udaba oluhle ngezi ntombi-ngo- kwamkela ivangeii nokunceda uhlanga Iwakowazo nge mfundo yazo. Etemba kananjalo ukuba ezi ntombi azisokutl za- 'kupuma esikolweni zifike zimane zigea- kamele ngase zi ntlangi nje ngo Ninakulu; koko zoti zisebenzelezuuko Iwenkosiyaa u-Msindisi.

Amanene aceliwevo ateta kakuhle anje ngo-Messrs. Wm. Bevu, Jafta Ngcaku, J. E. Ngcaku, Tobe Mndayi, no Wm. D. Soga.

Ude wati u Mr. Bevu, le nkosazana ibinje nge sikukukazi esinamantsontsho, azintombi ezi. U-Mr. Jafta Ngcaku ube- ngasazi yena ukuba uuosapo kwesi sikolo; ebesele zilibele. U-Mr. Mndayi, usizi Iwetu lufana nokuya u Mpostile u Paulosi wati kwabaxa lake " Anisayikubuye ni- bone ubona bem," awati akutsho balila.

Uqoshelise nge nteto eyole kunene u Mongameli. Yayintlanganiso eyole ku- nene ke Ieyo. Yamana ukuvangwa nge ngoma ezivunyele zintombi zipetwe ngu Miss Davidson; zivunyele ngokuncome- kayo.

Zinjalo ezalo mlambo wetu. Taru ni ke mzi ukuba ezindaba azinankutazoyani ngokukodwa kwi ntombi zafcwa Palo.

Ndim, owenu futi ngeneM' osicaka esitobileyo,

NONYONDJA.

IBALI LO MANYANO.

NKOSI YAM.—Ngokubala kwam le ncwadi kunge temba lokuba ndaba ndi- yanceda— ndifuna ukulungisa—nokwa- lata isiposwana esite Isigidimi Samaxosa gwididi kuso ekuxeleni Ingxoxo ze nklanganiso yododana olufundisiweyo ebikwa Hleke, malunga nembali yoku- yilwa kwa lonkanganiso eyayibalwe ngu Mr. Bovula ate kuyo njengoko sisitsho Isigidimi ute lenkanganiso yayihwa ngu Mr. Gawler yakwezelelwa ngu Mr. Makati. Ndingake u Mr. Bovula anga- waguqula lomazwi ukuze yamkelwe yinklanganiso yase Rura imbali yake ingenasi paku. Inklanganiso le ayiyi- Iwanga ngu Mr.

Gawler yayilwa yakwezelelwa ngu Mr. Mtakati encediswa zi Teachers zase Mkbiso u Messrs. Nzeku, no Masingata, no Miss Ganandana enezakwa Qoqobokunye naye—o Messrs. Mazinyo, Sibuwula, Sonjica, ndifake u Mr. Makapela ebefundisa Ezinyoka ngase Qonce. U Mr. Gawler ke akako kweli ungapa ngase Tinara kwa Loliwe. Ndicela ke u Mr. Bovula ukuba unom- gweno wokwenzola abanga yaziyo lenklanganiso ibali layo elihlambululikeleyo —aze ake alinge ukuya ku Mr. Mtakati mhlambi omnye wala manene ndiwa kankanyileyo, enditemba oyilungisa lendawo. Kuba lenklanganiso nditi mna kuyinto enkle kunene okokuba kucingwe ukuba kwenziwe ibali layo kuba iliziko apo ete yonke into ebizwa ngokuba yintlanganiso pakati kohlanga Iwakuti yakoka kona umlilo wokupemba lonklanganiso, nditeta ezinye nge Mbumba yamanyama yase Bayi, ezo Notenga Base Batenjini, i Improvement Society zase Gcuwa, ezo Titshala bapeshyeya kwe Nciba. Mandiphe ndim, MEMA J.

BAHLANGANE.

Einjikelo, August 15, 1885.

Uncedo Endlalani.

Kwinkundla yenkosi u-Mr. DiCKKubekako izolo intlanganiso yenkosi nezibonda zize kupulapala impemano ka Ruluneni ngendawo yendla ekoyo. Eaitabatile esihlalo U-Mr. DiCK ute nbabizele ukuba aneke pambi kwabo iaigithimi aika Ruluneni abayakuti ke bona basibuke banzi emaka. yeni abo. Kukaninzi ecelwa ngabantu uku- ba ababike ku Ruluneni ngendawo yokuba umzi ulamba. Ubabikile ke. Ekutumeleni ku Ruluneni ufike umzi wawahlula maqela amataru. (1) Uko umkondo wamaxego, nemilwelwe, ongenakuzisebenzela, oya- kuti ke wona ukangelwele ukuba uncedwe ngu Ruluneni ngapandle kwente. (2) Uko umkondo obunempahlana, uzisebenzela ote kwakufika oku kubalela wayitengisa kanye, olila ngelokuba ukuba ubuko umsebenzi ubungasebenzayo lomkondo ke ukuba awuufumani umsebenzi uyakusuka ube, (3) Waye uko nomnye wamadoda anjenga- lawo akoyo anempahla, ekubonakala ukuba abakucita mpahla akubonakali nto. Lomhlambiko ube uncela ukuba uncedwe ngokubolekwa imali umhlambi ukudla ukuze uyibuyise lonto ngumaxesha ekungati kuvunyelwane ngawo. Namhla ke akakulungele ukuba fumbatisa ilizwi elipeleleyo, nakuba malungananamaqela amabini oknqala enako. U-Ru'umeni unemalana ayigcinele ukuncedisa into ezinjengezi—abalambayo. Lomali incinane knnene, ngoko ke iyakuba buvinjwa ukwabuya kwnyo, iyakwabelwa ekubonakala ukuba abasatenabka kanye. Amadoda esi- gibi esibini ayakuncediswa ngokufunyaney- Iwa imisebenzi. Kuzakwenzia indlela eyakueuka e N'qnsihwa iye eweebeni le Nciba ukuze kufunyanelwe abalomkondo umsebenzi. Bayak vammkeliswa umbona ngemini ne 15/- ngenyanga. Ngabakohli- weyo kanye abayakunikwa ituba lokusebenza kulendlela. Bayakuzixela ke abo. Ukuba kuyinyaniso ukuba abantu bala'Jwim'inzi abaya kwatnkelwa umsebenz'""Riyo. Impi enezindlu yolungiselelwa xa esemle- benzi amadoda. Abantu ke bayakwamkela Iwa xa baziswe zizibonda zabo. Ngokupa- telele kwiqela lesitatu, u-Ruluneni akanako ukuncedisa kuyapi ngokuliboleka imali mhlambi ukudla eliqela. Baninzi abantu abanga- lufunayo oluncedo ngeapezu kokuba u-Rulu- meni enako. Ebeseleke wacelwa ukuba abase ezivenkileni ukuba banikwe ukudla bakuba bemise inkomo ; oku ukwaliye kuba ubelinde into angati apume kuyo u-Rulu- meni. Engavumanga nje ke u-Ruluneni seleyakuteta nevenkile. Bayakuya ke ezi. venkileni, woti kwabo abaziyo ukuba baya. kuba nokuhlala abeke igama lake ukuba bancedwe. Akanakwema nto ke nga. paga koku. Mabagoduke ke bakuvakaliswe banzi oku. Ute uyatamba ukuba bayaku. Iwamnkela pezulu uncedo luka Ruluneni ngomsebenzi ukuze kungabinakutisa banyu. le ukupila ngobusela kunokusebenza.

Amadoda azame ukuyihlamba inteto yo\* mantyi ibe ngo FOBONGO (wakwa-Toyise), KETE (kwa-Mqayi) obuze ukuba ayakutimna amaxego yati imantyi ayakuncedwa ngaba, fana, UMANGANYA (wase Zeleni), u TOFO (wakwa Folose), UNXANGA (inkosi yakwa- Ntinde).

Uqutunbele u Mr. DiCK wati, Mabazi- ncedo ngokwabo. Mayiti yakuna imvulana bahlwayele into eziyakulukaulezela usapo ezinjengozimbotyi, nozipatle. Kuko iqhlo eliti " U-Tixo unceda abazincedayo " elikwa kukuti ozincedayo uyancedwa ngabanye.



## Imfundo Yentombi.

KUYAZISWA ukuba ISIKOLO SENTOMBI sase Mgwali, lo ongaponoshono kwe Nciba sivuliwe linenekazi elisongameleyo u Miss MCRITCHIE. Abafuma ukuya ngenqubo yaso bangabalela kuye Emgwali, Dohne.  
31st July, 1885.

## Isaziso Kubahambi.

UGEOGE WILLIAM A. RADASI wase Mpofo. Uyazisa kubo bonke abahambi ukuba kuko i POST CART esuka Empofu (Seymour) eya e Bofolo (Fort Beaufort), ibuye ngo Mgqibelo, yenjenjalo bonke Olwesihlanu ne Mgqibelo.  
Ixabiso lishumi linanlanu (15s.) lesheleni ngomntu omnye. Kunokukwela isitatu sabantu kuyo.

J. RADASI.

Seymour, 6 August, 1885.

## “BONISANI.

KULAHLEKE apa e-Mqkwane ngo 22 ku May odluleyo: —  
INKABI emtuqwa, inequma elubilweni; cipu kweyokuneni indlebe ngemva. INKABI emnyama; etive gqwizi ngasemva, kwe yokuneni indlebe. INKABI emnyama; itive nqum pezulu-indlebe kweyokunene, yatiwa riwu kweyase kohlo ngemva; inxarele enqineni ayijiyile kodwa, inesilonda entsalwaneni. Ote wandilandisa wovuzwa kanobom.

SOYENI MKIVA.

St. Matthew's, Keiskama Hoek,  
20th June, 1885.

## ISICELO.

NDICELA kuni nonke bantu bakuti abalapo e Diamond nindipe amehlo ngomntu ogama lingu JAMES MNGQIBISA, Iowa waka wakankanywa kulo elipepa ngokuba upangwe £50. Ndingavuya owazi nto ngalomntu andasise kwelipepa lamadoda ohlanga.

THOMAS ZWEDALA.

Emacubeni, Lady Frere,  
14, August, 1885.

## OFUNWAYO.

UMFANA omde, wemnka nemikosi nge-xesha lika Ngayecibi. Samgqibela ese Ligwa, kwele Dayiman. Iminyaka mitatu singaseva nto ngaye. Igama: ngu JOSI MBAQA, elesingesi ngu JOSEPH. Ondilandisayo makatumele *kwi-Mvo-Zabantsundu*, e King William's Town. Ndingunina womfana lowo.

MARTHA MBAQA.

Kwa Bidli, King William's Town.

## KANIPE UMKONDO

BONISANI Umfana okwiminyaka eyi 29 ubudala bake. Untsundwana, akanamzimba mkulu nda. hlukana naye e Bayi (Port Elizabeth) ngomnyaka we 1879 esebenza kwindlu ye Gas. Ke esisicelo sam ndisisingisela kwabakona kakulu, igama lake ngu Jim, Mbeki. Akayise Abraham Gobongwana Kinass. Ndicela amehlo kumanene, nama nenekazi endawo ngendawo.

Umntu onokundilandisa angatumela ku Mhleli we *Mvo Zabantsundu*.  
MARCUS KINASS.  
Mount Ayliff, 25 April, 1885.

## ANDREW GONTSHI

Umteteleli ematyaleni,  
Aloeville, Kei River,  
*TRANSKEI.*

## W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo ncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, e *Town Hall, Kwisitora esinga pantsi esesitatu, No. 3, Kwinkundla ye marike.*

## E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, no Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyavanika ngento Ozinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kumacalana onke e-Koloni.*

Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.

## I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjenge manzi nezinya ezibululayo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO,  
BANK STREET,

## ABABUBILEYO.

GWELE. —Kubube Engxotyane, Willow, vale, ngo 8 July, 1885, u Miss LETTIE GWELE. Uhambe kakuhle, eyaleza ukuba abahlobo bavuye kuba epilile.  
ATTWELL J. GWELE.  
Willowvale, 20 July, 1885.

MTOBA.—Kubube ngo 8 August, 1885, e Rode, Emkangiso, u SARAH JANE, intombi ka WILLIAM C. MTOBA. Usishiye esekonwabeni okukulu kanye, encuma, “Ekuindele ukusa” kanti uteta ukusa kokuba esimnka. Sazisa izihlobo.

## POS’ ISO APA BO!

**E. J. BOXALL,**  
Umsiki wentlobo zonke ezifunwayo zengubo,  
No.22, SMITH STREET,\*  
E-QONCE

Uhlala enento eninzi yezitofu ezifanelekileyo neziluhlaza apa bo.

*Ingubo zomshato zenziwa ngokokufuna komntu kwisituba se yure ezilishumi.*

Uhlobo ezenziwa ngalo nokufaneleka kwazo akunakugxekwa bani.

Paula—Intsebenzo yonke iquitywa ndlwini ’nye.

## Umboniso wase South Africa

UMBONISO omkulu wento ezilinywa nezinokwenziwa ngabantu beli lizwe, uyakwe nziwa e Bayi ngo December ozayo.

Kuyanqweneleka ukuba nabantsundu beli lizwe batumele kuwo iziquma zento abazilimayo ziye koboniswa, nento ngento abazenza ngezandla, ezinjengento zokulima, izitya ezenziwe ngabo, inqubo, iminxeba, ingobozi.

Imbasa zesilivere nobedu ziyakunikelwa kuye wonke ontsundu odlulisele abanye.

Umhleli we *Mvo Zabantsundu* unikwe igunya lokuba abacacisele ngapezulu bonke abanomnqweno wokuya kubonisa imisebenzi yabo.

Ngomyalelo we komiti,  
FRED LEVICK,

Unobala.

I-Ofisi, 5, Lombard Street, Port Elizabeth.

Paula oku!

## JOHN CHARLTON

*Namafa,*

e-Dikeni, nase Xesi (Kwa-Kama) nakwa Qoboqobo.

Lomsebenzi wauqala ngo 1878.

UYAZIWA. AKUFUNEKI KUZINCOMA

Amafa, Ingqeshiso,

Iminqopiso nokwananwa kwezi qinisele zomhlaba—yonke lemicimbi yenziwa ngokukaula.

Utetelela ematyaleni. aauke

## Intlaulelo Yezaziso.

Isaziso esigeniswe kwimihlati (single column) engaminye 2/6, ibandakanyiwe 5/ nge inch enye, ngamangeniso okuqala ngalandelayo 1/3 kumhlathi omnye, 2/6 kwebandakanyiweyo nge inch ixesha ngalinye.

Izaziso ezingeniselwa izituba zenyanga ngantatu neminyaka zenawazo amaxabiso.

## BONISANI.

Amahashe Alahlekileyo

KULAHLEKE e-Mgqwakwebe ngolwesi-Tatu (24th June) amahashe amatatu. Inkabi emfusa etshiswe igama elingu M enyongeni. Ubudala balo bukwiwinyaka emihlanu. Uboya bude hyakuba nesilonda sokunzinyatela esihlahleni sangapambili. Ondilandisileyo ndomruma. Nenkabi egwangwaka. Imazi emfusakazi engenabala; enokukutu-Iwa yintambo emva kwendlebe ngenxa zombini, nasebusweni ikwanjalo kuko ukukutu-ka. Litshiswe entanyeni ngecala langase; kohlo igama elingati ngu (F). Ubudala balo yiminyaka esixenxe. Yimaz’ ende.  
J. TENGO-JABAVU.  
Imvo Office, King William's Town,  
29th June. 1885.

## C. MUSGROVE,

OTENGISA IMPAPHLA ETSHIPU YENDLU,  
Kwindlu Ekangelene no W. O. CARTER & CO.,  
E-QONCE

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye.

## Isonka! Isonka!

## Mr. McGREGOR,

Nase Waterfall, kwa ADAM KOK,

## KOKSTAD,

WAZISA umzi ukuba Unento enintshi Yombona, Namazimba, ayitengisayo ngamaxabiso alingeneyo. Abantsundu abafuna ukutenga bangakufumana ukudla kutule tizolo kwisitola sika Mr. MCKAY, e Tshungwana (Mount Frere).

Wanana Inkomo Ngokudla.

## JOHN J. IRVINE & CO,

Abatenga impahla kwamanye amazwe,  
Nakweli,

## Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

## BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO,

## Nezempahla emfutshane,

## BEMFONDO,

*Nokudla, njalo njalo.*

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitara zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenjalo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamala namaxa ngento esukuba itengiswa anikowa apa.

## JOHN J. IRVINE & CO.

## IZISULU! IZISULU!

## J. no C. HEDDING,

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA,

## E-QONCE.

Bayayitengisa yonke impahla yabo yama Xosa bafuna ukuba itshayekele tu kwakamsinyane. Itengiso iqala ngo Mvulo lo wanamhla.' Qondisisa kakubale apo bakona kwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

Lishicilelelwa umninilo, u JOHN TENGO-JABAVU ngu HAY BROTHERS, Smith Street King William's Town.